# Ukuqwalaselwa kwegalelo lokuqeqeshwa kootitshala kwinkqubo esekeke emabalini yokufundisa kulwimi nakwilitheresi yabantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5

*Visser, M., O'Carroll, S., Oakhill, J., Cain, K., & de Wet, K. (2023). Ukuqwalaselwa kwegalelo lokuqeqeshwa kootitshala kwinkqubo esekeke emabalini yokufundisa kulwimi nakwilitheresi yabantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5. Ootitshala bangundoqo kule nkqubo: Ingaba le nkqubo ibe luncedo, ibifikeleleka kwaye bekulula ukuyisebenzisa eziklasini? Wordworks: Cape Town.*

## Ootitshala bangundoqo kule nkqubo: Ingaba le nkqubo ibe luncedo, ibifikeleleka kwaye bekulula ukuyisebenzisa eziklasini?

Esi sisishwankathelo semiyalelo sesibini kuchungechunge lwezishwankathelo zemiyalelo zophando ezintlanu, eziqwalasela igalelo leLittle Stars, neyinkqubo esekeke emabalini ekuqeqeshwa kuyo ootitshala kulwimi nakwilitheresi yabantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5. Esi sishwankathelo sigxile kwifuthe lokuqeqeshwa kootitshala nakwingxelo abayinikileyo malunga noko bakufundileyo futhi nangokufundisa le nkqubo kwiklasi zabo.

### Ukuqeqeshwa kootitshala

Siye sarhwebela ootitshala abantetho isisiXhosa neAfrikansi nabafundisa kumaziko eenkulisa (*ECD centres*) ePaarl, eWellington naseKhayelitsha ngoncedo lweeforam ze-ECD neeNGOs. Ootitshala baye bakhona kucweyo lokubaqhelanisa nale nkqubo apho baye bafunda lukhulu ngenkqubo yeLittle Stars kunye neprojekthi yophando futhi batsho bafumana ingcaciso ezeleyo malunga nezinto ebebezilindele kule nkqubo. Emva koko, ootitshala baye bathatha inxaxheba kuqeqesho lweentsuku ezimbini oluye lwalandelwa lucweyo obeluqhutywa kane ngenyanga (obeluthatha iiyure ezi-2.5). Uqeqesho ke luye lwasongwa ngokuthi kubekho umbhiyozo wothweso-zidanga oye wavula nethuba lokuba banike ingxelo futhi bacamngce ngale nkqubo.


Inkqubo yokufundisa iqhutywa unyaka wonke, kwaye ithatha ixesha eliziiveki ezingama-36. Nangona kunjalo, ingxelo enikwe kwesi sishwakathelo yileyo isuka kootitshala abangama-26 abakwiqela longenelelo ebebefumene uqeqesho phakathi kuFebruwari ukuya ekupheleni kuka-Agasti: iiveki ezingama-26 zonyaka. (Ukuqeqeshwa kweqela elingathathi nxaxheba kungenelelo luqale ekupheleni kuka-Agasti.) Ootitshala ababini kwisampuli babekhona kwiiseshoni zocweyo ezingaphantsi kwesiqingatha seeseshoni xa zizonke ngoko ke baye bakhutshwa bona kolu phando. Abathe bashiyeka ke bona bazihambe kakuhle kakhulu iiseshoni zocweyo, singathi iavareji yabo yokungena kwiiseshoni zocweyo isisi-6.2 kwiiseshoni ezisi-7.

### Ifreyimwekhi yokuhlola

Sisebenzise imodeli kaKirkpatrick[1] njengefreyimwekhi yokuhlola igalelo nefuthe loqeqesho kumanqanaba ahlukileyo. Njengoko sichaphazeleka kakhulu ekumiliseni ngempumelelo le nkqubo yeLittle Stars, ngootitshala abaye baphambili kumanqanaba amathathu kulawo mane okuvavanya.

Esi sishwankathelo semiyalelo yophando siqwalasela Inqanaba loku-1 ukuya lwelesi-3 lemodeli kaKirkpatrick. Siyaphanda ke ukuba ingaba balonwabele na ootitshala uqeqesho, ingaba bazive bekhuthazekile baze bayibona njengento eluncedo nenexabiso le nkqubo (Inqanaba loku-1). Siqwalasela neengxelo zootitshala ezimalunga noko bakufundileyo nabakuqondayo ngendlela abantwana abaselula abalufunda ngayo ulwimi (Inqanaba lesi-2). Siphinda sinike ingxelo emalunga nendlela abalibona ngayo ifuthe lale nkqubo ekufundiseni eklasini (Inqanaba lesi-3).

**Umfanekiso 1: Imodeli kaKirkpatrick**




[1] Kirkpatrick, D., & Kirkpatrick, J. (2006). *Evaluating training programmes: The four levels*. Berrett-Koehler Publishers.

## Iziphumo

Iziphumo esizifumeneyo sizinika kumacandelo amathathu: 1) Indlela abalubona ngayo uqeqesho ootitshala, 2) Ukuqonda nokufunda kootitshala, kunye 3) Nokuqhuba inkqubo eziklasini.

### 1. Indlela abalubona ngayo uqeqesho ootitshala

- Ootitshala balubona lubhexeshwe kakuhle kakhulu uqeqesho; ootitshala abazipesenti ezingama-86, bathi uqeqesho luye lwaqhutywa ngendlela egqwesileyo.
- Ootitshala abangaphezu kweepesenti ezingama-80 bathi abalikhaleli ixesha abalichithe beqeqeshwa kuba olu qeqesho balubona luluncedo kakhulu.
- Ukukhuthazeka nokulungela uqeqesho: Ootitshala babonise ukukhuthazeka nokululungela uqeqesho ngalo lonke ithuba bekuqeqesho: kwisikali esisuka kwisi-1 ukuya kwisi-7, ootitshala abazipesenti ezingama-90 bakubeke kwisi-6 okanye kwisi-7 ukukhuthazeka kwabo baze abazipesenti ezingama-92 bakubeka kwisi-6 okanye kwisi-7 ukukhuthazeka kwabo.

> “Zikhona izinto ebendingazazi. Ndifunde izinto ezininzi ebendikade ndingazazi, ngoku ndazi ngcono.
>
> Ndizuze lukhulu, kuba bekunzima kakhulu kum ukufundisa ulwimi kodwa ngoku iba ngathi usuku lwangoMvulo alufiki.
>
> Izinto endizifunde kwezi ntsuku zimbini zidlulileyo zindenze ndakhuthazeka ... ndiqinisekile futhi ndizithembile ukuba ndiza kukwazi ukuyiqhuba le nkqubo.”

### 2. Ukuqonda nokufunda kootitshala

- Ootitshala bachaze ukuba abazuzanga kuphela uqeqesho olumalunga nendlela yokulandela inkqubo koko bazuze ulwazi olubalulekileyo ngendlela abafunda ngayo abantwana kwakunye nendlela ekuphuhla ngayo ulwimi nelitheresi.

> “Bafunda ngokubona nokwenza, kanti nangokuphatha.
>
> Xa engafuni ukuthetha okanye ukuphendula umntwana, linda ade azive ekhululekile ukuba angathetha.
>
> Ndifunde ukuba kufuneka ndibe nezixhobo zokufunda nokufundisa eziphathekayo, endaweni yemifanekiso ndisebenzisa izinto ezifana nobisi olusebhotileni, oku kwenza ukuba imisebenzi ibe negalelo.
>
> Bendingazi ukuba abantwana abaselula banako ukuphendula imibuzo ngendlela abaphendule ngayo. Oku kuye kwandikhuthaza ekubeni ndisebenze nabo kakhulu kunakuqala.
>
> Abantwana baqalisa ukufunda ngokuba benze ngathi bafunda incwadi enkulu.”

- Ukubaluleka **kokubandakanya abantwana ekufundeni** ibe ngumxholo owenziwa rhoqo. Ootitshala baphefumle bathi, inkqubo ibafundise ukubaluleka nokuxabiseka kokwenza ukufunda konwabise kwaye abantwana bathathe inxaxheba kwimisebenzi yokufunda.

> “Xa umntwana ekonwabela ukwenza into ethile, utsho afunde ngcono.
>
> Ndiyithandile indlela esifundiswe ngayo indlela abafunda ngayo ngokudlala abantwana kwakunye nendlela yokuphuhlisa isigama.”

- Ingxelo yabanye ootitshala ibonisa ukutshintsha kwendlela abacinga ngayo malunga nokufundisa futhi nangeenjongo **zokusebenzisana** ngakumbi nabantwana.

> “Bendingenawo umonde womntwana ozekelelayo xa ethetha. Ngoku ndiyakwazi ukuba nomonde.
>
> ... ukubakhuthaza, banike ithuba lokuba bazikhangelele ngokwabo.
>
> Bendisoloko ndibancoma abantwana, kodwa ngoku ndibancoma ngaphezulu kunakuqala.”

- Okokugqibela, xa ootitshala bebephefumla becamngca ngokufunda kwabo, abaninzi kubo babalule ukubaluleka kokuzilungiselela xa beza kufundisa ulwimi nelitheresi.

> “Kufuneka ndizilungiselele khonukuze ndikulungele ukufunda ibali lam.
>
> Kufuneka uzilungiselele ngokuthi ulifunde ibali futhi uziqhelanise nalo phambi kokuba ulifundise eklasini.”

## Iziphumo ziyaqhutywa ...

### 3. Ukuqhuba inkqubo eziklasini

Ootitshala bachaze ukuba basebenzise oko bakufundileyo kuqeqesho kwaye bayayiqhuba le nkqubo eziklasini zabo.

- Ootitshala bachaze ukuba basebenzisa amabali aziipesenti ezingama-70 kwabawanikiweyo baze benze nemisebenzi yale nkqubo. Ingxelo ibonisa ukuphucuka kwendlela efundiswa ngayo le nkqubo njengokuba liqhubeka ixesha.
- Iingxaki ezikhoyo kule nkqubo zimalunga neencwadi ezincinci kwakunye nemisebenzi yokulinganisa:
  - Kube yingxaki kootitshala abathile ukufotokopa iincwadi ezincinci; abanye bachaze ukuba kube nzima ebantwaneni ukusonga iincwadi ezincinci.
  - Ukulinganisa nako kube neengxaki, ezifana ezifana nokuqinisekisa ukuba abantwana bonke bafumana amathuba afanayo kwaye umsebenzi uthatha ixesha elide ukuze ugqitywe.

Nangona kunjalo, ootitshala banike ingxelo yokuba abantwana bayakonwabela ngenene ukulinganisa. Bayalibona negalelo elilungileyo elenziwa ziincwadi ezincinci ekuphuhlisweni kolwimi nesigama.

- Kuko konke oku kuchaziweyo, ootitshala abaninzi babona ukuba imisebenzi ibe negalelo elihle kwaye isebenze kakuhle.

Kwiimeko ezintathu ezahlukileyo ngexesha loqeqesho, ootitshala bacelwe ukuba bachaze ukuba ingaba isebenze kakuhle kangakanani na imisebenzi eyahlukileyo eklasini. Iimpendulo zabo ke ziboniswa apha ngezantsi:

| Ixesha | Ipesenti yootitshala ababonise impumelelo yemisebenzi ngesi-5, 6 okanye isi-7 kwisikali esisuka kwisi-1 ukuya kwisi-7 *(1 = Inika iingaxaki kakhulu, 7 = Isebenza kakuhle kakhulu)* |
|---|---|
| 1 | 49% |
| 2 | 66% |
| 3 | 83% |

- Baye bathabatheka ke ootitshala zizixhobo zokufunda nokufundisa kwakunye nemisebenzi yale nkqubo, futhi bafumanisa ukuba iyonwabisa, inika umdla kwaye kulula ukuyisebenzisa. Baye babona nokubaluleka kokuzenzela ezabo izixhobo zokufunda nokufundisa ezingabizi mali ininzi.
- Ootitshala babalule inkxaso enikwa yile nkqubo ekufundeni kwabantwana nasekuphuhliseni ulwimi lwabo.

> "Ukulinganisa kuncedisa abantwana kulwimi nakumagama.
>
> [Inike umdla ...] indlela abantwana ababalisa ngayo ibali besebenzisa iincwadi ezincinci. Ibonise ukuba bebemamele, nangona ngamanye amaxesha kungakhangeleki ngolo hlobo."



## Iziphumo ziyaqhutywa ...

Iimpendulo zootitshala abaninzi malunga notshintsho kwindlela yokubalisa amabali nakwindlela abawasebenzisa ngayo amabali eziklasini:

- Ootitshala ngoku bacwangcisa ukusebenzisa ibali libe linye ze benze imisebenzi emalunga nalo ixesha elide.
- Ootitshala bacwangise ukuphucula amava abantwana amalunga namabali ngokuthi basebenzise izixhobo ezifana nemifanekiso kwakunye neepapethi.
- Ootitshala babe nenjongo yokwenza abantwana bathathe inxaxheba ekubalisweni kwamabali futhi bakwenze kube nomdla ukufunda kwabo ngokuthi babuze imibuzo phambi kwebali; nto leyo enika abantwana ithuba lokubalisa awabo amabali ze balinganise abalinganiswa abasebalini; futhi bababuze imibuzo emalunga nebali abantwana khonukuze babandakanyeke kulo msebenzi.

"Kunika umdla kakhulu ukubalisa ibali elinye yonke imihla kwiiveki ezimbini, kuyachulumancisa kwaye ndiza kufundisa ndonwabile.

Ndiye ndazicingela ndodwa: 'Yhoo, siyakwazi ukubalisa amabali! Ngalo lonke eli xesha besibalisa amabali! Kwaye bendingazi ukuba ibali linokubaliswa ngolu hlobo, kuba ngamanye amaxesha xa besibalisa amabali, besiqala sibonise abantwana incwadi emva koko silibalise ibali kodwa asizange sazoba mfanekiso omalunga nebali, asizange salicacisa kakuhle, zange sacula ngoma ehambelana nebali ..."

## Ukubaluleka neziphumo

Ezi ziphumo zolu phando zibonisa ukuba uqeqesho lweLittle Stars nenkqubo yaseklasini zizinto ezibonwa njengezinexabiso nezifikelelekayo kootitshala abakwiindawo ezinezixhobo zokufunda nokufundisa ezinqongopheleyo. Le nkqubo inakho ukomeleza iindlela zokufundisa, ingakumbi kwimiba yokubaliswa kwamabali, ukulinganisa kwanasekudaleni ukufunda okubandakanya abantwana.

Ootitshala babonise ukukhuthazeka nokunika ingxelo eyeyabo malunga nokufundisa imisebenzi yale nkqubo. Bazichazile iinjongo zabo zokuba bakulungiselele ngakumbi ukufundisa imisebenzi kwaye basebenzise namacebo ale nkqubo kunye nezixhobo zayo ekufundiseni kwabo. Ingxelo abayinikileyo ibonise ukutshintsha kwendlela yokufundisa ulwimi nelitheresi kwanendlela abakuqonda ngayo ukufunda kwabantwana.

Le nkqubo ibe nempembelelo entle kwindlela ootitshala abakuqonda ngayo ukufundiswa kolwimi nelitheresi kwaye ootitshala abaninzi bazive bezithembile kwaye benokuzimisela kakhulu ekufundiseni.

"Ndandicinga ukuba sonke sinako ukubalisa amabali, yintoni ke ngoku esiza kuyifunda? Ukuzithemba, yeyona nto ndiyizuzileyo. Abantwana nabo bathatha inxaxheba.

... le nkqubo indinike ukuzithemba. Yakhiwe kakuhle kakhulu le nkqubo. Ndiyayazi ukuba inayo yonke into. Abantwana basoloko besemdleni/ bechulumancile, banako ukubalisa amabali!

Kukho amaxesha oye uzive utyhafile. Ukufundisa ayingomsebenzi ulula. Le nkqubo yenza kube lula, ingqondo iyaphumla kuba uyazi unalo ibali. NgoMvulo ungalijonga futhi wazi ukuba elo libali lakho nemisebenzi yeveki."




*Senza umbulelo kwi*British Academy *ngokusixuma ngemali kolu phando* (ECE 190079).
*Olu chungechunge lwezishwankathelo zophando luxunywe ngemali yi*Lancaster University FST Impact Fund.